



UTata ufika ekhaya

Le ncwadi yeka





pi-iiipipi!

vrrruuum

pi-iiipipi!

vuvuuum

Vrrruuu



vrrruum

Vrrruum

vuVuum

pi-iiipipi!

uum



bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

UTata ufika ekhaya

(Tata comes home)

Illustrated by Heleen Steyn van der Merwe

Written by Sewela Langeni

Designed by Tammy Adendorff

Translated by Ntsiki Ntusikazi

with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 17 August 2024.

ISBN: 978-0-948602-24-5

Typeset in Belanosima and Quicksand

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





UTata ufika ekhaya



Sewela Langeni

Heleen Steyn van der Merwe


Tammy Adendorff







Qho, emva kokuphuma kwesikolo
ngoLwesihlanu, uDaluxolo uma
angqiyame ngeengalo zakhe
egeyithini, **elindile...**





Abahlobo bakhe bayamkhwaza ukuba
aze kudlala nabo ibhola kwibala lebhola
ekhatywayo kodwa usoloko esala.

Daaali!












Kaloku, kufika umntu
okhethekileyo ... qho ngempelaveki


**uTata ufika
ekhaya.**







Wolula intamo yakhe akrobe endleleni,
elindele ukubona imoto kaTata
enguQongqothwane yakwaVW
ijika ingena kwisitalato sakhe.





Yakuthi gqi ekoneni imoto kaTata, uDali
ubaleka aye kukhwela kuyo ukuze bafike
kunye noTata ekhaya.





Poopoo!
Poopooopoo!





**“Molo Dali,
nyana wam,”**

uTata uyakhwaza
echulumancile, ngethuba
evula ucango.


“Ngena!”







Xa ekhona ekhaya
uTata, bayonwaba
kakhulu yena noDali,





baqala ngokutya
abakuthandayo
abakuphekelwa
nguMama -
**ipapa, ivosi
nomhluzi.**







Kusasa ngoMgqibelo bavuka
babaleke bajikeleze kwindawo
abahlala kuyo.







Emva kwesidlo sasemini,
uTata ufundisa uDali
ukudlala imidlalo
yamakhadi.






Emva kwemini, uDali uthanda
ukubukela uTata xa epolisha izihlangu
zakhe, elinganisa ngomlozi iingoma
azithandayo ezidlalwa kunomathotholo.







Usuku lwangeCawa lolona luba
lusizi xa kufuneka bavalelisane
kuba uTata ephindela emsebenzini.









Kodwa ke uDali akabi lusizi ixesha
elide kuba enethemba lokuba
ngoLwesihlanu,
**uTata uyafika
ekhaya.**



pi-iiipipi!

vrrruum

pi-iiipipi!

vuvuum

Vrrruuu



vrrruum

Vrrruum

vuVuum

pi-iiipipi!

uum

